Munisipaliteit • U-Masipala • Municipality
OVERSTRAND

SEPTEMBA 2014

Bulletin

Incwadi ethunyelwa amalungu e-Bhunga le Overstrand esesikweni

P.O. Box 20
Hermanus 7200

	Telephone	Fax
Hermanus	028 313 8000	028 312 1894
Gansbaai	028 384 8300	028 384 0241
Kleinmond	028 271 8400	028 271 4100
Stanford	028 341 8500	028 341 0445

24 Hour Emergency 028 313 8000/8111
Fire Brigade 028 312 2400

UTata Mandela ufana nosaphilayo

UMFANEKISO OWENZIWEYO WASEOVERSTRAND OWENZELWE INKOKHELI EYIYO

Usodolophu wase Overstrand uNicolette Botha-Guthrie kunye noCeba

Ngomhla we-18 Julayi 2014, uSodolphu u Nicolette Botha-Guthrie utyhile umsebenzi ongumzama wamatyendye amabini aseZwelihle angoRaphael noPhambili wona azobe umfanekiso ozotywe ngeethayile zemosaic katata wesizwe uNelson uRolihlahla Mandela bamenza wafana nophilayo. Lo mfanekiso wenziwe ngeethayile zemosaic enye ibekwe phezu kwenye ngenjongo yokuphuhlisa kuhle umfanekiso katata uMandela le indlela ebonisa uhlobo abaziva ngalo abantu baseOverstrand nemvakalelo yabo ngoMadiba, utshilo uBotha-Guthrie xa ebevula esi sinikezelo.

Ngokungqameneyo noku, amalungu amabini ebhunga elikhulu nelo labancinci banikele ngemizuzu yabo engama-67 ngoSuku lukaMandela ukwangeza lo mfanekiso omhle ngokunikela ebantwini:

- Izikhafu neeglavu ezintle zinithiwe ngamalungu oluntu ngewulu esuka kwinkxaso-mali yengxowa yabucala kaSodolophu zithe zanikezelwa kubafundi bezikolo ezintathu kwiindawo zabahlelelekileyo;
- "UMother Teresa" omibala ipinki naluhlaza okwesibhakabhaka naye unikezelwe ngamalungu oluntu kwizibhedlele zephondo;
- Kwaye abantwana bonke abahamba iikhrishi abakwiindawo zaseOverstrand baphiwe iijezi ezimibala ngeenjongo zokubenza balonwabele usuku lwabo.

Emva koko kubekho iWonder bags (izipheki ezipheka ngaphandle kombane) ezinikezelwe uluntu lwaseWestdene, Mt Pleasant, Over Hills, Mooi Uitsig, eZwelihle naseHawston ukukhankanya nje ezimbalwa.

Izinxibo zesandla ne zikhafu zilungele ukunikwa abantu

Wonke ubani ehlangene ngomoya omhle wobonelelo nolwabelwano oko kusenziwa njengomzekelo wesizwe esintlanga-ninzi. Sanga singahlala siseso sizwe sigcine umzila kaMadiba siwenze ibe ngumsebenzi wethu ukujonga abo basweleyo.

UKULUNGISWA NGOKUTSHA NOKUVALWA KWEZIGINGQI KWIINDLELA ZASEOVERSTRAND KWAKUQALA KUTSHA

Indlela eyintlanganisela eOverstrand ngama-482 km ubude. Ukuze zibe nokugcinakala ngolungiso ezi ndlela, uMasipala usebenzisa inkqubo yokulondolozwa kwepavumente efuna ukuba kumana kuhlolwa iindawo ezithile kwindlela nganye kube kabini ngonyaka. Zaye zaqokelelwa ezi nkcukacha, kwaye ziza kusetyenziselwa iinjongo zesicwangciso-qhinga nohlahlo-mali ndawonye nokubeka phambili umsebenzi wolungiso ndlela.

Ukulandela iinkqubo zokwenziwa kweethenda, iAmandla GCF Construction cc yiyo eyaqeshelwa ukuba igangathe ihlaziye iindlela eOverstrand kwisivumelwano sokusebenza isithuba esiphela ngomhla wama-31 kuMatshi ngowama-2016 ngexabiso elizizigidi ezingama-R39 (ezithatha yomibini iminyaka-mali u-2014/15 no-2015/16).

Kuqikelelwa ukuba phantse ibe ngama-20 km iindlela eziya kube zilungisiwe kulo nyaka-mali umiyo, kwaye loo msebenzi uya kuqala ngoSeptemba ngowama-2014 kummandla waseKleinmond, kulandele iGansbaai/Stanford kunye neHermanus.

Ukukhutshwa kwesibhengezo kumaphephandaba, kuya kubenza abahlali bahlele benolwazi ngomsebenzi oza kwenziwa, xeshikweni ukuvalwa kwezitalatlo ezichaphazelekayo kuya kwaziswa kwangaphambi kokuba zilungiswe iindlela ngusokontraki.

Ukusetyenzwa kweendlela kungeza nophazamiseko lwexeshana kubahlali, kodwa kuya kwenziwa ngako konke okusemandleni ukulucutha kangangoko olo phazamiseko, lwenziwe nolungiselelo lokukhusela ukuqinisekisa ukuba lukhuselekile uluntu kwanabasebenzi bekhontraki ngokunjalo.

Nakuba kunjalo, uMasipala waseOverstrand uyababongoza bonke abachaphazelekayo ukuba babe nomonde ngeli xesha kusetyenzwa iindlela.

EZEMIDLALO ZINXULUNYANISWA NENQWELO EPHUCULA INGQESHO KULUTSHA

ULean Terblanche, uMichael Lutzeyer wase Grootbos Foundation; uLurette Rudolp, uAndy de la Mare wase ABSAkunye no uSodolophu kamasipala waseOverstrand uNicolette Botha-Guthrie

NgoLwesithathu umhla we-16 Julayi 2014 kumiselwe ukwenziwa ngcono kweziko lokuzilolonga nelemidlalo elixabisa izigidi zeerandi eGanbaai, omnye wabaxhasi yibhanki iABSA, ezi zindaba ezimnandi ingakumbi kulutsha lwaseOvestrand: Ukumiselwa kwenkqbo yokwenza ulutsha luqesheke lukwaxhotyiswa nangezakhono zoshishino, oku kusenzelwa ulutsha ukuba lube ngosomashishini bangomso.

Isithethi saseABSA, uAndy de la Mare, uthe le nkqubo ijoliswe ebantwini abatsha ngenjongo yokuba bazidalele awabo amathuba emisebenzi ngokwenza njalo bakwazi ukuzimela. Ekugqibeleni le nkqubo ayisayi kufundisa izibalo nezakhono kuphela koko iya kubafundisa abantu ukuba bakwazi ukuzimela.

NgokukaDe la Mare, "ezemidlalo ziphucula indlela ubani enza ngayo izinto" kwaye zincede "ukwakha umzimba nengqondo esempilweni" ngoko ke oku kwenza ukuba le nkqubo ibe yeyona ephambili ekuphuhliseni ulutsha. Eli linge lixhasiwe nguMphathiswa weSebe leMicimbi yeNkcubeko nemiDlalo uGqirha Nomafrench Mbombo, othe kwintetho yakhe wagxininisa ukuba abantwana emakhaya mabakhuthazwe ekuthatheni inxaxheba kwezemidlalo kwaye "umntwana othanda imidlalo ungophumeleleyo!".

Kulwamkelo lwakhe uSodolophu uNicolette Botha-Guthrie uziqaphele iintetho zamahlakani amane - uMasipala waseOverstrand, iBarclays ngokusebenzisana neABSA, iSebe leMicimbi yeNkcubeko nemiDlalo neGrootbosFoundation - abathe kwiminyaka edlulileyo basebenza ngokuzimisela ukwenza iinkqubo i'Spaces for Sport' zibe nale mpumelelo ezinayo namhlanje.

Evuma ukuba kusekude ukugqitywa kwesi sicwangciso sikhulu kangaka ekujoliswe kuso sokuphuhlisa iZiko lemiDlalo laseGansbaai esakwenziwa ngemali engangezigidi ezingama-R130. Ujike wathi "ukutshintsha kwendlela yokwenza izinto nokuphila kolutsha olusebenzisa ezi nkqubo kokona kubalulekileyo ubani angafuna ukwenza".

Ukwangeza koko kwakuphuculwa kwendawo yokuzilolonga, libala lokudlalela ibhola ekhatywayo nelifakelwe ingca engesiyiyo ncam eyoyokuqala eMzantsi Afrika, ibala leqakamba elinenethi, ibala lentenetya/ ibhaskethibholi/nebhola yomnyazi namagumbi okutshintshela nawokuhlamba oluntu.

INKXALABO EMALUNGA NOKUBEK'ESWENI KWEEMFENE ISONJULULWE

Ngombulelo ongazenzisiyo kwiWorking for the Coast, eliphulo leNkqubo eyoNgezelelweyo yeMisebenzi yoLuntu (EPWP) yokubekw'esweni kweemfene ibuyiselwe kwakhona.

IWorking for the Coast, phantsi kwe-arhente ephumezayo iMilongani Eco-consulting, ivumile ukulawula nokunika inkxaso-mali ethile kule nkqubo emva kokuba uMasipala waseOverstrand echazile ngowe-20 Juni ukuba uyayeka ukubonelela ngale nkqubo.

Kwixa elizayo, impahla yokusebenza kwabasebenzi iyakuba yi-ovarolo ebhaliweyo ehamba nomnqwazi, oku kunikezelwa yiWorking for the Coast yona eza kuhlawula nabasebenzi abakusebenza ishifti ukususela ngentsimbi ye-06:00 ukuya kweye-20:00 ehlotyeni kanti ebusika baqala ngentsimbi ye-07:00 ukuya kweye-19:00. (Inkcukacha ngamaxesha okusebenza kwabasebenzi kwindawo yakho ungawafumana kwiofisi kamasipala ekufuphi nawe).

UMasipala waseOverstrand yena wobonelela ngezithuthi zokuthutha abasebenzi kwakunye nezixhobo zokusebenza, kwaye unokutsalela kulo mnxeba ulandelayo uchaze nangazo naziphi na izenzo ezinxulumene neemfene nalo naliphi na ixesha ukutsho oko-24/7.

Abahlali mabazi ukuba aba basebenzi batsha bokubek'esweni iimfene basephantsi koqeqesho. Niyacelwa ukuba nibe nomonde ngelixa kusalungiswa izinto ukuba zihamber ngendlela eyiyo. Residents should please be advised that the newly-appointed team of baboon monitors are still in training. Thus a bit of patience while we get this vital service up and running again will be appreciated.

Nangona kunjalo, abo baphula umthetho oko kukuthi abasebenzi abangena ngokungekho mthethweni kwimihlaba yabantu okanye abo bagibisela iimfene ngamatye ngeenjongo yokuzigxotha kufanele ukuba baxelwe ngokukhawuleza kulo mnxeba okwigumbi lolawulo lomasipala othi: **028 313 8000** okanye **028 313 8111**.

INDAWO YOKUPAKA EMBINDINI WEDOLOPHU YASEHERMANUS

UKUPHUMA NOKUNGENA KWINDAWO YOKUPAKA IMOTO

UTania Gurha no Eric May

Amagosa ajongene neendawo zokupaka anxibe izinxibo ezimnyama afaka neebhibhi ezi-orenji ngawonajongene nendawo yokupaka kumbindi wedolophu yaseHermanus phakathi evekini ukususela nge-08:30 ukuya kweye-16:15 kuze ngoMgqibelo ibe kukususka nge-08:30 ukuya nge-13:00. Basebenza phantsi kweliso labaphathi babo nabo abanxibe iimpahla ezimnyama kodwa ibhibhi zibe luhlaza okwesibhakabhaka. Njengoko indawo yokupaka ifumaneka mahala ngeentsuku zeholide la magosa awasebenzi xa ilusuku lweholide.

Abantu abasebenzisa iindawo zokupaka ezikumbindi wedolophu kufanele baqaphele oku kulandelayo:

- Nokuba imoto yakho ipakwe phambi kweye-08:30 usenoxanduva lokuhlawula.
- Ukususela ngeye-08:30 uya kunyanzeleka ukuba uhlawule kwangoko kwaye ufumane nesiqinisekiso sentlawulo. Kodwa qaphela oku, akukho mali eyakubuyiswa ngenxa yokuba ungachithanga lonke ixesha ebeliqikelelwe.
- Lonke ilixa ususa isithuthi sakh uphinde ubuye ulindeleke ukuba uhlawule nokuba ubuhambe lingekapheli ixesha lakho kuqala.
- Akukho mizuzu yokupaka yamahala.
- Abantu abakhubazekileyo nabo bayahlawula ukuba bazakusebenzisa iindawo zethu zokupaka.

Intlawulo yethu iqala kwi-R1 ngemizuzu eli-15 ukuya kuma-R28 kwiiyure ezisibhozo.

Nceda faka naziphi na izikhalazo zenkonzo yokupaka ku-Ingrid Mordiwa kule nombolo **028 313 5020.**

UBUHLE OBUQUVILEYO ...
Sititinishwe luhlaza lwemveli esi sangqa sezithuthi sele siyilungele intwasahlobo!

Ukuqinisekisa ukuba uyazana "namandla eetyatyambo qinisekisa ukuba awuphoswa ngumboniso weentyatyambo waminyaka le nomboniso omxholo wawo othi, "Ukuhlola amandla" oza kuqu-quzelelwa yi-Whale Coast Conservation eFernkloof Nature Reserve ukususela ngomhla wama-25 ukuya kowama-28 Septemba. Le miboniso iza kuqala ngeye-09:00 de ibe yeye-16:30 yonke imihla. Amangeno ngama-R20 kubantu abadala abantwana abangaphantsi kweminyaka eli-12 bangena felefele.

umandlalo wentyantyambo kwisekile ese Voëlklip

IKonsathi iOverberg Eisteddfod Prestige

YIZA UZOKONWABELA UNCUTHU MAZANGWA

NgoLwesithathu umhla we-17 Septemba 2014 abantu baseOverstrand bakuba nenyhweba yokubona kwakhona eqongeni italente esakhulayo yaseOverstrand isenza edume ngazo eCivic Auditorium, eHermanus. Abaphumeleleyo kwiminyaka ngokwahlukana kwayo nangokwamanqanaba bakufumana ithuba lokucula kuze kukhethwe abaphumeleleyo. **Ikonsathi iqala ngentsimbi ye-19:00 ungabhukisha eBELLINI GALLERY, kule nombolo 028 312 4988. Ngemibuzo ethe vetshe qhagamshelana noRené du Plooy kule nombolo 082 940 4238.**